Isikolo seCawa 4

Isihloko sesifundo: UEliya nomhlolokazi waseTsarfati

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiKolo seCawa esithi **“UEliya nomhlolokazi waseTsarfati”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Umzekl. SS, RI okanye Isiqinisekiso). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisifundo seCawa 4.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).

Isifundo

Isihloko seSifundo	UEliya nomhlolokazi waseTsarfati
Isicatshulwa seBhayibhile	1 OoKumkani 17: 6-24
Injongo yesifundo	Ukholo lwabantwana kuncedo lukaThixo luyomelezwa. UThixo uyaligcina ilizwi lakhe nezithembiso zaKhe.

Isishwankathelo sesifundo:

- UAhabhi, ukumkani wakwaSirayeli, wayetshate noIzebhele, intombi yokumkani waseSidon ongumhedeni kwaye weza noothixo belizwe lakhe, uBhahali noAshera, kunye nabaprofeti babo kwaSirayeli. Inkundla yasebukhosini kunye noninzi lwamaSirayeli banqula aba thixo kwaye benza umbulo.
- Umprofeti kayehova, uEliya, wabalumkisa abantu ukuba bayeke ukunqula lBhahali baze bathobele uThixo. UYehova wayalela uEliya ukuba aye kuxelela ukumkani uAhabhi. UEliya wamlumkisa ukumkani, “Njengokuba uYehova, uThixo kaSirayeli ephila, endimkhonzayo, akusayi kubakho mbethe na mvula kule minyaka imbalwa izayo, ndide ndithethe njalo”.
- Emva koko uThixo waxelela uEliya ukuba azimele kwintlambo, kufutshane nomlanjana waseKeriti. Apha, wayekhuselekile kwintshutshiso kaIzebhele kwaye uThixo wayeza kumbonelela ngamanzi nokutya. UEliya wawuthobela umthetho kaThixo. Wayesela amanzi emlanjeni kwaye amahlungulu ayemphathela isonka nenyama rhoqo kusasa nangokuhlwa.
- Njengoko uEliya wathi akusayi kubakho imvula okanye umbethe. Abantu bacela uBhahali ukuba abancede, kodwa umhlaba wayw woma, nezivuno azabinako ukukhula. Kwanomlambo waseCherith woma. UThixo wathumela uEliya eTsarfati apho umhlolokazi wayeza kumnika ukutya namanzi.
- Ukufika kukaEliya eTsarfati, wabona lo mhlolokazi, wathi kuye, "Ndicela undiphathele amanzi okusela nesonka nditye?" Umhlolokazi waphendula wathi, “Andinaso isonka. Ndinesandla esincinci somgubo kuphela kunye neoli encinci yokwenza ukutya ukuze ndidle nonyana wam.”
- UEliya wamxelela ukuba makangoyiki, kodwa makaye ekhaya, amenzele iqebengwana lesonka emva koko enzele yena nonyana wakhe isonka. "UThixo akasayi kuwuvumela

umgubo ne-oli iphele phambi kokuba imvula iphinde ibuye." Umhlolokazi wathobela baza baba nesidlo kunye.

- Kamva, xa wathi waya kwingqayi yomgubo nengobozi yeoli, wabona ukuba umgubo neoli leyo azipheli. UThixo wasizalisekisa isithembiso saKhe, nokuba ungakanani umgubo neoli esebenzileyo, yongezelelwa. Ngalo mmangaliso uThixo wabasindisa kwindlala.
- Emva kwexesha, unyana womhlolokazi wagula kakhulu wafa. Emva koko wakhwaza uEliya, “Ingaba uze kundikhumbuza ngesono sam uze ubulale unyana wam?” UEliya wamthabatha umfana waya naye egumbini lakhe, wathandaza * kuYehova.
- Emva koko wazolula phezu komntwana wadanduluka wathi, "Nkosi ndicela uwubuyisele umphefumlo walo mfana." Ummangaliso omkhulu wenzeka, umfana waqala ukuphefumla kwakhona kwaye wawavula amehlo akhe. Evuya kakhulu, uEliya wamsa kunina. Wayengakwazi ukuwakholelwa amehlo akhe. La mava alomeleza ukholo lwakhe kuThixo.

Sithetha ukuthini esi Sifundo kuthi namhlanje?

- Bobabini uEliya nomhlolokazi baba namava oncedo lukaThixo.
- UThixo wazigcina izithembiso zaKhe kuEliya, waza wamkhusela, wamnika amanzi nokutya ngexesha lembalela.
- Amava omhlolokazi noThixo omeleza ukholo kunye nokumthemba kwakhe.
- Nathi, sinako ukuba namava ngoncedo lukaThixo amaxesha ngamaxesha.

UThixo uya kusoloko esinceda kwaye azigcine izithembiso zaKhe, kufuneka nje simcele kwaye sithembele kuye.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. **Kwakutheni ukuze uThixo anike uEliya indawo yokuzimela ethafeni?**
   Impendulo: Wayefuna ukumgcina ekhuselekile kwintshutshiso kaIzebhele.
2. **UEliya wakufumana njani ukutya?**
   Impendulo: Amahlungulu ayemzisela isonka nenyama rhoqo kusasa nangokuhlwa
3. **UThixo wamkhokelela phi uEliya ukoma komlambo?**
   Impendulo: ETsarfati
4. **UThixo wathi ngubani oya kumjonga apho?**
   Impendulo: Ngumhlolokazi
5. **Kwenzeka ntoni kunyana womhlolokazi?**
   Impendulo: Wafa waza uEliya, ngoncedo lukaThixo wambuyisela ebomini

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen